

Are they hooked on books?

Have you heard the saying "practice makes perfect"? Well, this certainly is true for reading! Children who are read to and who read for pleasure themselves, get better at reading and *want* to read. Unfortunately the opposite is also true: children who are not read to or who read very little themselves, usually avoid reading where they can and so they struggle with it.

It is never too early to start reading to children, but if your children are not hooked on reading yet, it isn't too late to help them develop a love of reading. Here are some ideas for getting and keeping your children hooked on books. Remember, though, that children are individuals and what works for one child might not work for another.

1. **Be a reading-loving home.** Stock your home with different books, newspapers and magazines for your children to read. Add to your book collection by visiting the library regularly together so that your children can choose their own books. And, of course, be a regular reader yourself and show your children your own enthusiasm for reading.
2. **15/7.** Set aside 15 minutes each day of the week to read to your children. Make this a relaxed and enjoyable time in which you all take a break from your busy daily lives.
3. **Involve your children.** Encourage your children to bring a story or poem to life in a fun way by acting out or drawing different parts. Encourage older children to become reading role models by using their skills to read aloud to younger brothers and sisters.
4. **Introduce the bookmark.** Remind older children – especially reluctant readers – that they don't have to finish a chapter or a book in one sitting! They can stop when they want, bookmark their place, and carry on tomorrow.
5. **Use the power of technology.** Encourage older children to read stories using everyday technology – cellphones! You can find fun stories for the whole family to read at www.nalibali.mobi and teens and young adults can enjoy FunDza's stories at www.fundza.mobi.

Ingaba bazithanda kakhulu iincwadi?

Ukhe uyive le ntetho ithi "practice makes perfect"? Hayi ke, oko kuyinyaniso emsulwa xa kubhekiselele ekufundeni! Abantwana abafundelwayo kunye nabazifundelayo, baya besiba ngcono ekufundeni kwabo kwaye basoloko *befuna* ukufunda. Ngelishwa nokuchaseneyo noku nako kukwayinyaniso: abantwana abangafundelwayo okanye abazifundela kancinane, bakholisa ukukuphepha ukufunda kangangoko banakho, kwaye bayasokola xa kufikelelwa ekufundeni.

Akuzange kwaphambi kwexesha kakhulu ukuqalisa ukufundela abantwana bakho, kodwa ukuba abantwana bakho abakazithandi kakhulu iincwadi, awukashiywa lixesha ukuba ubancede baphuhlise uthando lwabo lokufunda. Nazi ezinye iingcebiso zokwenza nokugcina abantwana bakho bezithanda kakhulu iincwadi. Nangona kunjalo khumbula ukuba abantwana ngabantu abohlukileyo omnye komnye kwaye okumlungeleyo omnye umntwana kungangamlungeli omnye.

1. **Yiba nekhaya elithanda ukufunda.** Zalisa ikhaya lakho ngeencwadi ezahlukileyo, amaphephandaba kunye neemagazini ukuze abantwana bakho bafunde. Yongeza iincwadi zakho ngokundwendwela rhoqo ithala leencwadi nabantwana ukuze abantwana bakho bakhethe ezabo iincwadi abazithandayo. Ngaphandle kwamathandabuzo, nawe buqu yiba ngumfundi ofunda rhoqo ukuze ubonise abantwana bakho indlela okuthakazelela ngayo ukufunda.
2. **15/7.** Bekela bucala imizuzu eli-15 yonke imihla yeveki ukuze ufunde abantwana bakho. Eli lenze libe lixesha lokuphumla nokuzonwabisa apha nithi ninonke nithathe ikhefu kubomi benu bengxakeko bemihla ngemihla.
3. **Babandakanye abantwana bakho.** Khuthaza abantwana bakho babalise ibali okanye benze umbongo unike umdla ngendlela eyonwabisayo efana nokulenza lbe ngumdlalo weqonga okanye bazobe okwenzekayo kwiindawo ezohlukileyo zebali. Khuthaza abantwana abadalana ukuba babeyimizekelo yokufunda ngokusebenzisa izakhono zokufunda ngokuvakalayo befundela abantakwabo noodade babo abancinane.
4. **Yazisa ufundise indlela yokusebenza kophawu lokuba uphele phi na ukufunda.** Khumbuza abantwana abadalana – ingakumbi abo bakonqenayo ukufunda – ukuba abanyanzelekanga ukuba bagqibe isahluko okanye incwadi yonke ngexesha elinye! Bangayeka kuloo ndawo bafuna ukuyeka kuyo, bafake uphawu lokuba baphele phi ukufunda, baze baqhube ngokuyifunda ngengomso.
5. **Sebenzisa amandla obuchwepheshe.** Khuthaza abantwana abadalana ukuba bafunde amabali besebenzisa ubuchwepheshe bemihla ngemihla – iiselula! Ungafumana amabali onwabisayo anokufundwa lusapho lonke ku-www.nalibali.mobi kwaye abafikisayo nabadala kulutsha bangakonwabela ukufunda amabali eFunDza ku-www.fundza.mobi.



Drive your
imagination

Read to me. Again! Again!
Ndifundele.
Phindaphinda ungadinwa!





Drive your imagination



Story stars

Faith in children's potential

Faith Shabangu volunteers at three different reading clubs in Pietermaritzburg, KZN: Izimbali Zesizwe, Inyaninga Teen Reading Club, and My African Child. She believes that it's vital for children to have a strong adult support system in their lives. We spoke to Faith about these reading clubs and her involvement.

Why do you think it is important for children and teenagers to read for enjoyment?

It broadens their minds but does not put them under pressure because it works at the child's pace. It builds their confidence and their inner strength. They learn about themselves and the world.

Do you read at home?

Reading is my way of relaxing and dealing with hard issues in my life. I'm addicted to self-help and spiritual books and I love reading magazines! I'm also passing on my passion for reading to my four-year-old daughter. Together we cut out and fold the Nal'ibali mini-books and then I read them to her every night.

What activities do you offer at your clubs?

We get the children to play and tell their own stories in a safe environment. This helps children discover their strengths and talents. Other activities at the clubs include dancing, singing, praying, indigenous games and holiday programmes.

What do you want the children to get out of attending the reading clubs?

I want the children to feel important and valuable. I want them to know that even in difficult times you can dream, you can achieve and, most of all, you can be a child. I want children to enjoy their childhood and youthfulness.

What are the things that make a reading club successful?

Support and appreciation from the community are very important. You also have to provide as much training as possible to volunteers. This helps them take care of themselves as they take care of the needs of the children.

Why do you volunteer?

Volunteering gives you time to focus on other people's needs. It is fulfilling. It's about giving back and serving your community, and it's about showing a love and appreciation of children. Volunteering is about showing the spirit of Ubuntu in action! It's about taking the lead.



Pic: Jackie Clausen

Iimbilasane zamabali

Ukukholelwa kumandla aleleyo abantwana okwenza izinto

UFaith Shabangu livolontiya kwiiklabhu zokufunda ezintathu ezahlukileyo ezisePietermaritzburg, eKZN: Izimbali Zesizwe, Inyaninga Teen Reading Club, kunye neMy African Child. Ukholelwa ukuba kubalulekile ukuba abantwana bafumane inkxaso eyomeleleyo kubantu abadala ebomini babo. Sithethe noFaith

malunga nezi klabhu zokufunda nenxaxheba yakhe.

Kutheni ucinga ukuba kubalulekile ukuba abantwana abancinane nabafikisayo bafundele ukuzonwabisa?

Oko kwenza iingqondo zabo ziphangalale kodwa akubafaki phantsi koxinzelelo kuba umntwana usebenza ngesantya namandla akhe. Kwakha ukuzithemba kunye namandla angaphakathi omntwana. Bafunda malunga nabo kunye nehlabathi ngokubanzi.

Ingaba uyafunda ekhaya?

Ukufunda yindlela yam yokuziphumza nokujongana nemiba enzima ebomini bam. Sele ndilikhoboka lokufunda iincwadi ezifundisa ngokuzinceda nezomoya kwaye ndiyakuthanda ukufunda iimagazini! Uthando lwam lokufunda ndilugqithisela kananjalo kwintombazanana yam eneminyaka emine. Sisobabini siyakuthanda ukusika sikhuphe iincwadana ezincinane zakwaNal'ibali ze ndimfundele zona rhoqo ubusuku nobusuku.

Zintoni ozenzisa abantwana kwiiklabhu zakho zokufunda?

Senza ukuba abantwana badlale kwaye babalise amabali abo kwindawo ekhuselekileyo. Oku kunceda abantwana ukuba bafumanise awabo amandla okwenza izinto kwaye kuphuhlisa neetalente zabo. Eminye imidlalwana nemisetyenzana eyenziwa eziklabhini iquka ukudanisa, ukucula, ukuthandaza, imidlalo yemveli kunye neenkqubo zexesha leholide.

Unqwenela ukuba abantwana bafumane ntoni xa beze kwezi klabhu zokufunda?

Ndifuna abantwana bazive bebalulekile kwaye benexabiso. Ndifuna bazi ukuba nokuba kukumaxesha anzima, umntu unakho ukuphupha ngekamva lakhe, aphumeze izinto ezithile, kwaye, ngaphezu kwako konke, angabudla ngokupheleleyo ubuntwana. Ndifuna abantwana bonwabele ubuntwana babo kunye nobutsha babo.

Zinto zini ezenza iiklabhu yokufunda ibe nempumelelo?

Inkxaso nokuxatyiswa kwindawo abahlala kuyo kubaluleke kakhulu. Kananjalo kufuneka uwaqeqeshe kangangoko amavolontiya. Oku kunceda ukuba azikhathalele nanjengokuba ekhathalele iimfuno zabantwana.

Kutheni ulivolontiya?

Ukuba livolontiya kukunika ixesha lokuba ujongane ngqo neemfuno zabanye abantu. Kuyandanelisa. Kumalunga nokunikezela ngoko unako nokukhonza uluntu ohlala kulo, kwaye kusekwamalunga nokubonisa uthando nokuxabisa abantwana. Ukuvolontiya kumalunga nokubonakalisa ukusebenza komoya wobuntu! Kumalunga nokukhokela okungumzekelo.

Find us on your cellphone: www.nalibali.mobi. Sifumane kwiselula yakho: www.nalibali.mobi.



Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured Story Stars will receive meal vouchers* courtesy of Wimpy to enjoy with the children in whose lives they are making a difference. To nominate a Story Star, visit www.nalibali.org/story-stars.



Enjoy every moment


Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, i**Iimbilasane zamaBali** zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya ezizinikwa ngembeko nangoncedo lwabakwa**Wimpy** ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo. Ukonyula imbilasane yamabali, ndwendwela ku-www.nalibali.org/story-stars.

* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane


1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
 2. Fold it in half along the black dotted line.
 3. Fold it in half again.
 4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





Emva koko uMakazi uViolet weza nepudini yekrismesi –
 Ivutha! Phakathi kule pudini kufihliwe
 iingqekembe zeeetki ezininzi – ezona
 ngqekembe zesilivere zininane
 ezazifumaneka ngezoz mini – kwakunye
 nomsesane wegolide othathwe komnye
 umntu kunye neqhosha. Abantu babevuya
 xa befumene isilayi esinomsesane, kwaye
 wonke ubani wayemhlekela lowo ufumene
 isilayi esineqosha.

Enye into malunga noTatomkhulu kukuba wayesisithulu. Okanye
 – oomakazi babedla ngokuthi – usisithulu xa efuna. Loo nto
 yayimenza uSonny Jim oyike xa eza kuthetha noTatomkhulu.
 Wayengafuni kukhwaza xa athetha naye kodwa kwakuba kubi
 ukuba uTatomkhulu akayivanga into ayithethayo.
 UTatomkhulu wayengathethi kakhulu – wayephuma kwigumbi
 lakhe aye esityeni sele enyuse imikhono yakhe, enxibe
 idastakhowuthi kunye neegambutsi zakhe. Ukuba ujongisile
 xa uTatomkhulu ehleli enablee kwisitulo sakhe esisshukumayo,
 ungawubona umngxuma kwisoli yenye yegambutsi zakhe.
 USuku lwekrismesi yayilusuku lochulumanco, kodwa eyona nto
 yayimandi kakhulu yayikukuhlala komntu wonke kungqongwe
 itafle enkulu kutiyiwe isidlo sekrismesi, kuthwelewe iminqwazi
 yephepha entloko, kutsalwe iziqhushumbisi zokudlala kuthiwe
 “Krismesi eMyoli” - wonke umntu enxibe impahla ezintsha.



Anyway, Granddaddy didn't say much – he just walked
 through the house from his room to the garden, in his rolled-
 up shirtsleeves, his waistcoat and his garden boots. If you
 looked carefully when Granddaddy sat in his rocking chair with
 his legs stretched out in front of him, you could see a hole in
 the sole of one boot.
 Christmas Day was full of all sorts of excitement, but the best
 of all was when they all sat round the big table for Christmas
 lunch, with paper hats on their heads, and they pulled
 crackers, and said "Happy Christmas!" – all in their best new
 clothes.
 Then Auntie Violet brought in the Christmas pudding –
 a flame! Inside the pudding she had hidden lots of ticks – the
 smallest silver coin you could get in those days – as well as
 someone's gold ring and a button. People were pleased if
 they got the slice with the ring, and everyone laughed at the
 person who got the button.
 But what interested Sonny Boy and his sister was how many
 ticks there were in their helpings of pudding – and in
 Granddaddy's!

Sonny Jim's sister nudged his elbow
 and pointed to Granddaddy's pudding
 bowl with her spoon. There was a
 very obvious ticky sticking out of the
 pudding!

Sonny Jim and his sister is from the SONGOLOLO list – a range of books celebrating both the common and diverse interests and experiences in childhood, featuring stories from Africa and beyond.

Shuter & Shooter Publishers acquired the award-winning children's picture book imprint, SONGOLOLO in 2008. SONGOLOLO is a quality list, featuring books by some of South Africa's foremost authors and illustrators, including Niki Daly, Gcina Mhlophe, Joan Rankin and Jude Daly. The list features several bestsellers, including Niki Daly's *Mama, Papa and Baby Joe*, and Joan Rankin's *Wow! It's Great Being a Duck* and other numerous award-winning titles. For further information, visit www.shuters.com



SONGOLOLO

Nalibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INalibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Sonny Jim and his sister

USonny Jim kunye nodade wabo



Robin Malan

SONGOLOLO

Wayeluthanda uhambo ngololiwe. Kwakufuneka ubambele kumtya wesikhumba xa uthoba ifestile uze ukrobe ngenloko uphandiwe ngumle emehlweni akho njengokuba ubala amakhareji kaloliwe xa ejika edolweni.

Kwakuxabisa kakulu ukuya kuthenga ukutya kwikhareji lokutyla, ngoko ke uMomy wayelungisa umphako awfaka kwibhaskithi yemizi (le yayifana nengobosi ephathwa xa kusiywa epikinikini kodwa yona iyityesi) afake amaqebengwana amanandi afakwe itumato, inyama yekukhu ebandayo namqanda abilisilweyo. Kwakusoloko kukho amaphapha amabini ekunqaphumeli mafutha kuwo, kwelinye kukho ityuwa kwelinye iyipepile.

Ukufika kwabo kwindlu yoomakazi babo eKapa, uSonny Jim wayesoloko egqitha ekhishini esiya kwigumbi lokugcina ukutya aze ajonge isibane esidibene nephiko lomoya. Phaya kwindawo yokuvala ifestile kwakukho okumile njengegobhu kusongelwe ngeqhuya. Oko yayiyipudini yekrisimesi. Wayengazazi ukuba kutheni isongelwe ngeqhuya ize ixhonjwe kweli gumbi lihala ukutya, kodwa yayisoloko ikhona ijinga apho minyaka le.

USonny Jim wayemthanda uTatomkhulu, kodwa wayephatsa xa enaye. UTatomkhulu wayesebenza esityeni, ngoko ke ubuso, izandla neengalo zakhe zazithe kakulu lilanga zanombala obugolide, kwaye ilwile zakhe zazimhlophe qhwa zinesicolo esijinga ebunzi. Wayenamabhovu amhlophe.

“Granddaddy! ” Sonny Jim’s sister said loudly.

“Mim?” Granddaddy looked up, puzzled.

“Granddaddy, what’s happened to that tickey?”

“What tickey’s that?” he asked, all innocence.

“The one you’ve got in your mouth!”

“Have I got a tickey in my mouth? I don’t think so. Look.” He opened his mouth and showed them. There was nothing.

“But, Granddaddy, it was there, in your pudding, on your plate ...” said Sonny Jim’s sister.

“And you put it in your mouth. We saw you!” added Sonny Jim.



They watched open-mouthed as Granddaddy put that last spoonful of pudding in his mouth. Surely he would feel it and take it out of his mouth. Now ... now ...

Nothing! He just put his spoon down, wiped his moustache with his serviette, and sat quietly.

Fold



The Tickey in the Christmas Pudding

“Are you all packed, Sonny Jim?”

Sonny Jim, his sister, his mother and his eldest aunt lived in Johannesburg. In Hillbrow.

He and his sister called their mother “Mommy”, and everyone in the family called their eldest aunt “Dim”, or “Dimmy”. They weren’t being nasty. It’s just that her names were Doris Ivy May, and so, when she was still quite young, “Dim” sort of stuck.

Sonny Jim, Sonny Boy, Sonny. Those weren’t his names, but they were what the aunts called him – that’s his Auntie Dim and the other aunts, who lived with Granddaddy in Cape Town. Auntie Iris and Auntie Violet and Auntie Revah and Auntie Mavis.

“Inoba uyiginyile!” batsho bobabini, besoyika.

“ Hayi ke xa kunjalo,” watsho uTatomkhulu engahoyanga, “mhlawumbi iza kukhula ibe yihafugolweni esiswini sam.”

USonny Jim kunye nodade wabo bahlala apho bemangalisiwe kwaye bothukile. Loo ngqekembe athetha ngayo yayiyeyona ngqekembe inkulu yesilivere ongayifumanayo.

Iholide yeKrisimesi yafikelela esiphelweni, baze babuyela eRhawutini, ze ngokwesiqhelo, yafika nelandelayo iKrisimesi baza baphinda baya eKapa kuTatomkhulu noomakazi.

Njengokuba uMakazi uViolet wayehambisa ipudini, uSonny Jim nodade wabo babemjongisisile uTatomkhulu.

UTatomkhulu zange athethe, kodwa, iliso lakhe limenyezela, wafaka iminwe yakhe epokothweni yedastakhowuthi yakhe. Wakhupha ... ingqekembe. Wabaqobela iliso waza waphinda wayifaka epokothweni yakhe, wavuthulula ibhatyi yakhe ngesandla sakhe esibrawuni somsebenzi wasesityeni.

Yena – kunye nabo – babesigcinile besikhumbula isehlo eso unyaka lo wonke!



Fold

4

“Ingaba ndinethi emlonjeni wam? Hayi andiboni kanjalo. Jongani!” Wakhamisa wababonisa. Kwakungekho nto.

“Le unayo emlonjeni wakho!”

“Yeyiphi loo tiki uthetha ngayo?” wabuza msulwa.

“Tatomkhulu, kwenzeka ntoni kwitiki?”

“Mim?” uTatomkhulu wamjonga, emangaliswe.

“Tatomkhulu!” udade boSonny Jim wamkhwaza.

Akukho nto yenzekayo tu kwaphela! Wasuka wabeka icephe lakhe phantsi, wosula amabhovu akhe ngelaphu lokosula emva kokutya wahlala wazithulela.

Babukela betha ng’ a imilomo xa uTatomkhulu wayefaka icephe lakhe lokugqibela emlonjeni wakhe. Ngokugqinisekileyo wayeza kuyiva emlonjeni wakhe ayikhuphe. Ngoku ...ngoku...

Udade boSonny Jim wakrweca umakwabo engqinbeni waza wolatha isitya sikaTatomkhulu ngecephe lakhe. Kwakukho itiki eyayivele ngokucacileyo kwipudini yakhe!

Kodwa eyona nto yayitsala umdla kaSonny Boy nodade wabo yayibubuninzi beethi ezikwizilayi zabo abazityileyo – nezikaTatomkhulu!

Sonny Jim and his sister sat there, amazed and alarmed. After all, a half-a-crown was just about the biggest silver coin you could get then.

The Christmas holiday ended, they went back to Johannesburg, and, sure enough, the next Christmas came and they were back in Cape Town with Granddaddy and the aunts.

As Auntie Violet was serving the Christmas pudding, Sonny Jim and his sister kept an extra special eye on Granddaddy.

Granddaddy said nothing, but, with a twinkle in his eye, he slipped his fingers into his waistcoat pocket. He gently slid out ... a half-a-crown. He half-winked at them and let it drop back into his pocket, and patted his waistcoat with his brown gardener’s hand.


He – and they – had remembered for one whole year!



But the thing about Granddaddy, was that he was deaf. Or – the aunts used to say – he was deaf when he wanted to be. So Sonny Jim was a little scared about talking to Granddaddy. He didn’t want to shout, and it was awkward if Granddaddy didn’t hear what he said to him.

Sonny Jim loved Granddaddy, but he was a little nervous of him. Granddaddy was a gardener, and so his face and hands and arms were tanned a deep golden brown, and his hair was white-white, with a quiff in the front. He had a white bushy moustache.

When they got to the aunts’ house in Cape Town, Sonny Jim would always go through the kitchen to the pantry and look up at the fanlight. There, hanging from the window-fastener was a round fat globe wrapped in a doek. This was the Christmas pudding. He didn’t know why it had to be tied up in a doek and hung in the pantry, but each year it was there.



It was too expensive to go to the dining coach for meals, so Mommy always packed a wicker suitcase (this was like a picnic basket except it was a suitcase) with lovely tomato sandwiches, and cold chicken, and hard-boiled eggs. There were always two twists of greaseproof paper, one with salt in it and one with pepper in it.






I Tiki kwiPudini yeKrisimesi

“Ugqibile ukupakisha, Sonny Jim?”

USonny Jim, udade wabo, umama wakhe kunye nomakazi wakhe omdala babehlala eHillbrow, eRhawutini.

Yena nodade wabo babesithi “Mommy” xa bebiza umama wabo, kwaye wonke umntu kolu sapho wayesithi “Dim” okanye “Dimmy” xa abiza umakazi wabo omdala. Babengamgezeli. Imbangi yoko yayikukuba amagama akhe yayinguDoris Ivy May, ngoko ke, eli gama lithi “Dim” laba lelona gama aziwa nabizwa ngalo kwasebuntwaneni bakhe.

USonny Jim, uSonny Boy, noSonny. Loo magama yayengomagama akhe, kodwa yayingamagama oomakazi bakhe ababembiza ngawo – abo ke nguMakazi uDim kunye nabanye oomakazi, ababehlala noTatomkhulu eKapa.



Abo ke yayinguMakazi u-Iris, uMakazi uViolet, uMakazi uRehah kunye noMakazi uMavis.

USonny Jim wayengasazi isizathu sokuba yena, udade wabo, uMommy noMakazi uDim bahlale eRhawutini lo gama wonke ubani ehla ekapa. Wayesazi kodwa ukuba isizathu sinento yokwenza notata wakhe. Kodwa wayengamazazi utata wakhe. Kunjalojenge utata wakhe wavela wanyamajala. Kwakukhona imfazwe, kwenye indawo, mhlawumbi utata wakhe wayeye "emantla elizwe" ukuya kulwa emfazweni.

Rhogo kweyoMing, uSonny Jim, udade wabo noMommy babesiyakapa besiya kutya iKrisimesi khona kunye noTatomkhulu nabanye ooMakazi. Yiyo loo nto uMakazi uDim wayembuzakuba sele epakishile kwaye elungelele uhambo kusini na.

"No, I don't know what you mean ..."

"Then, you must have put it in your serviette!"

"What, this serviette?" asked Granddaddy. He held up his serviette and shook it out. Nothing fell out.

"You must have swallowed it!" they both exclaimed, in horror.

"Oh, well," Granddaddy said, unconcerned, "maybe it'll grow into a half-a-crown in my tummy."

Sonny Jim didn't know why he and his sister and Mommy and Auntie Dim lived in Johannesburg while everyone else lived in Cape Town. He knew it had something to do with Daddy. But he didn't know Daddy. And Daddy had disappeared. There was a war on, somewhere else, and maybe Daddy had gone "Up North" to fight in the war.

Every December Sonny Jim and his sister and Mommy went down to Cape Town for Christmas with Granddaddy and the other aunts. And that's why Auntie Dim had asked him if he was packed and ready for the trip.

Sonny Jim loved the train journey. You had to hold the leather strap tight as you let the window right down and then you could stick your head out and get smut in your eyes as you counted how many coaches the train had as it went around a bend.

"Kodwa, Tatomkhulu, ibikhona, kwipudini yakho, epleyitini yakho..." watsho udabebesoSonny Jim.

"Waze wena wayifaka emlonyeni wakho. Sikubonile!" wongeza ngelitshoyo uSonny Jim.

"Hayi, andazi ukuba nithetha ukuthini na ..."

"Hayi ke, inoba uyifake kweli laphu lakho lokosula emva kokutya!"

"Phi, kweli phepha?" wabuza uTatomkhulu. Waliphakamisa waze walivuthulula. Zange kubekho nto iwayo.





Get story active!

After you and your children have read *Clever Busy Bee* on page 8, try some of these ideas.

- Use toilet rolls, paper, glue, yellow and black paint and toothpicks to make bees. Encourage your children to cut out the shape of the bee's wings, paint them and, when they are dry, glue them to the toilet roll. Paint the toothpicks black and add them to the bee to create its feelers.
- Spend some time outside together looking at different flowers and finding pollen on their anthers. Let your children touch the anthers lightly and notice how the pollen rubs off onto their fingers.
- Talk about the sounds that bees and other insects make – and how some don't make any sounds that we can hear! Play a game where one of you makes an animal sound and then everyone tries to guess which animal you are.
- Provide your children with bread, butter, honey and a blunt knife and let them make their own honey sandwiches.



Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana nifunde ibali elisihloko sithi *Inyosi ekrelekrele nexakekileyo* kwiphepha lesi-8, zamani ezinye zezi ngebiso.

- Sebenzisa iirolo zephepha langasese, iphepha lencwadi, iglu, ipeyinti etyheli nemnyama kunye nemicinga yokuvungula ukwenza iinyosi. Khuthaza abantwana bakho basike imilo yeempiko zenyosi, bazipeyinte baze xa zomile, bazincamathelise ngegulu kwirolo yephepha langasese. Imicinga yokuvungula mayipeyintwe mnyama zize zidityaniswe nenyosi ukwenza izivi zayo.
- Ninonke chiithani ixesha phandle nijonge iintyatyambo ezohlukileyo nize nifumane nomgutyana osasazwa zizinambuzane kwimiqumbi yeentyatyambo. Bavumele abantwana babambe imiqumbi yeentyatyambo kancinane baze baqaphele indlela umgutyana othi usasazeke lula ngayo eminweni yabo.
- Thethani malunga nesandi esenziwa ziinyosi nezinye izinambuzane – kunye nezo zithi zingenzi sandi sinokusiva! Dlalani umdlalo apho omnye wenu enza isandi sesilwanyana baze abanye baqashele ukuba sesiphi na eso silwanyana senza eso sandi.
- Nika abantwana bakho isonka, ibhotolo, ubusi nemela ebuthuntu uze ubavumele bazenzele amaqebengwana anobusi.

Reading club corner

Here are some ideas of how you can celebrate Africa Day on 25 May at your club.

- Read and tell stories and sing songs in as many South African languages as you know.
- Tell a traditional African story.
- Create shape poems about Africa by giving the children outlines of the shape of the continent and then asking them to write their poems inside it.

Ikona yeklabhu yokufunda

Nazi ezinye iingcebiso zokubhiyozela uSuku lwe-Afrika kwiklabhu yokufunda yakho ngomhla wama-25 kuCanzibe.

- Fundani kwaye nibaliselane amabali, kanaanjalo nicule iingoma ngeelwimi enizaziyo ezininzi kangangoko zaseMzantsi Afrika.
- Balisa ibali lemveli lase-Afrika.
- Yenzani imibongo ngemilo ye-Afrika ngokunika abantwana umphandle wobume belizwekazi eli uze ubacele babhale imibongo yabo ngaphakathi.

Days to celebrate at your club in June

- 1 June International Children's Day
- 5 June World Environment Day
- 10 June Maurice Sendak's birthday (award-winning children's writer and illustrator who created *Where the Wild Things Are*)
- 16 June Youth Day
- 16 June Father's Day
- 21 June Short Story Day Africa
- 30 June Social Media Day

Iintsuku ezinokubhiyozelwa kwiklabhu yokufunda yakho kweyeSilimela

- 1 kweyeSilimela uSuku lwaBantwana lweHlabathi
- 5 kweyeSilimela uSuku lokusiNgqongileyo lweHlabathi
- 10 kweyeSilimela umhla wokuzalwa kukaMaurice Sendak (umbhali ophumelele imbasa kunye nomzobi owabhala incwadi esihloko sithi *Where the Wild Things Are*)
- 16 kweyeSilimela uSuku loLutsha
- 16 kweyeSilimela uSuku looTata
- 21 kweyeSilimela uSuku lwase-Afrika lwamaBali amaFutshane
- 30 kweyeSilimela uSuku lwamaJelo oNxibelelwano kuLuntu

In your next Nal'ibali supplement:

- What to say and what to do to encourage children's reading and writing
- Celebrate International Children's Day with us
- Enter our drawing and writing competition and stand a chance of winning wonderful prizes
- Story Star: Find out who the Yaccers are and why they are stars!
- Mini-book, *Moving house*

Can't wait until next week for more reading and story tips, stories and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or find us on Facebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA).



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Yintoni onokuyithetha nonokuyenza ukukhuthaza abantwana bafunde kwaye babhale
- Bhiyozela uSuku lwaBantwana lweHlabathi kunye nathi
- Ngenela ukhuphiswano lwethu lokuzoba nokubhala uze ube sethubeni lokuphumelela amabhaso amangalisayo
- Imbalasane yebali: Fumanisa ukuba ngoobani na abakwaYaccers kwaye kutheni bezimbalasane!
- Incwadana encinane, *Ukutshintsha indlu*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ukuze ndifumane ezinye iingcebiso ngamabali, amabali amatsha neembono ezikhuthazayo ngokufunda neزامabali. Ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-Facebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA).

1

Clever Busy Bee

Inyosi ekrelekrele nexakekileyo



Awebahe Johannes Hoeseb
Brendan Ruiters



8

... honey.
Clever Busy Bee!



... bubusi. Enjani yona inyosi ...
ukubakrelekrele!

2


Beautiful flowers grow in our garden.



Kukhula iintyatyambo ezimibala-bala esityeni sethu.

7


Mel is eating a delicious sandwich. Can you guess what is on the bread? Is it jam? Is it cheese? Is it butter? No, it's ...



UMel utya isonka esimnandi. Qashela ukuba uqabe ntoni esonkeni sakhe? Ingaba yijem? Ingaba yitshizi? Ingaba yibhotolo? Hayi ...

3

Busy Bee buzzes up to the flowers. Bzzz ...



Inyosi exakekileyo, ibhabha, ibhubhuzele ifike ithi ngcu phezu kwezi ntyatyambo. Bhu-u-u ...

9


... and into the hive. Busy Bee makes honey with the pollen it collected from the beautiful flowers.



... iyokutsho kwindlu yayo. Inyosi yenza ubusi ngencidi eyiqokelele kwiintyatyambo ezimibala-bala.

4


Busy Bee collects pollen from the flowers and buzzes away. Bzzz ...



Inyosi exakekileyo iqokelela incindi kwezi ntyatyambo ibuye ibhabhe imke. Bhu-u-u ...

5

On a small round hill between the rocks there is a tiny crack. Busy Bee buzzes through the crack ...



Kukho umfanta omncinane phakathi kwamatye kwindulana engqukuva. Inyosi exakekileyo ibhubhuzela kulo mfanta ...